

Inombolo yefayili.: 18/2/P
Isalathiso: 20231212-593

Ingcaciso emfutshane yeCandelo lokuXhaso amaZiko ngeZibonelelo: 0001/2024

Iya: KuMlawuli oyiNtloko weZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwiZikolo zeZakhono ezineendlela zeSikim soThutho lwaBafundi

Isihloko: Ukufakelwa kwezilungiso kwinkqubo yokufumana imvume yokutshintshwa kwezithuthi kwiindlela zeSikim soThutho lwaBafundi

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i-WCED) njengangoku lineZiko leDatha leZithuthi zeSikim soThutho lwaBafundi (*Learner Transport Scheme (LTS) Vehicle Database*) ngokumalunga nesithuthi ngasinye esivunyiweyo kuzo zonke iindlela ze-LTS eNtshona Koloni. Eli ziko ledatha lisebenza njengeyona ndlela iphambili kwizithili yokubeka esweni ukuba ngaba izithuthi zinelayisenisi ngokufanelekileyo na nokuba zihlaziyiwe na izatifikethi zokulungela ukuhamba endleleni.
2. Ukuthembeka kwezithuthi kwi-LTS *Vehicle Database* kuchaphazeleka kakubi xa iinqununu zingalazisi icandelwana le-LTS kwaNdlunkulu kwangethuba xa izithuthi zitshintshwa.
3. Ngenxa yesi sizathu sikhankanywe apha ngasentla, kuye kwaba yimfuneko ukuba kufuneka ukuba zonke izicelo zokuvunywa kokutshintshwa kwezithuthi nezinye izithuthi ezongezelelweyo zilawulwe kwindawo enye nokuba izicelo zithunyelwe kwicandelwana le-LTS (kwaNdlunkulu) nge-imeyili ltsvehiclereplace@westerncape.gov.za.
4. Kufuneka iikontraka ze-LTS zenze isicelo semvume yokutshintshwa kwezithuthi kunye nokuba kufakwe izithuthi ezongezelelweyo kwi-LTS *Vehicle Database* ngokusebenzisa icandelwana le-LTS, kusetyenziswa le fom iqhotyoshelweyo (*Application for the replacement of a vehicle*). Iikontraka ze-LTS ziya kwaziswa ngqo ngesiphumo sezicelo zazo.
5. Ukulungiselela iinjongo zokubeka esweni, izikolo ziya kuba nako ukujonga izithuthi zazo ze-LTS ezivunyiweyo, ngokwendlela nganye, ngokuqala zingene kwi-CEMIS, yaye amagosa ezithili zemfundo aya kuba nako ukujonga i-LTS *Vehicle Database* ngokusebenzisa i-*EduInfoSearch*. I-LTS *Vehicle Database* iya kusebenza njengerekhodi esemthethweni yezithuthi ezivunyiweyo ngendlela nganye yothutho lwabafundi.

6. Le ngcaciso imfutshane itshitshisa yaye ithathe ngokupheleleyo indawo yeNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0004/2020, yomhla wama-29 Julayi 2020.
7. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abantu abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO

UMHLA: 2024-01-24